Soek jy 'n fantastiese tutor?

www.teachme2.com/matriek

Byeengebring deur

teachme2

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2021

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO A: ISINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ukusukela loo mini ndabanomdla wokummamela unomathotholo **[50]**

1.2 Kwathi kanti ndizifaka engxakini **[50]**

1.3 Ubuhle bomsebenzi wezandla **[50]**

1.4 Yhu! Ingathi liphupha ukuba ndim lo … **[50]**

1.5 Ukubaluleka kothethathethwano **[50]**

1.6 Iindawo zokutya nokutyela zikhuthaza inkcitho-mali engeyomfuneko **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1

[Uthatyathwe ku: www.google.com] **[50]**

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

1.7.2

[Uthatyathwe ku: www.agricnet.com] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uManejala wakwaMasipala ileta, umcebise ngeendlela zokuxhasa ulutsha oludinga imisebenzi. **[30]**

2.2 **IOBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari kaCeba wengingqi ohlala kuyo. **[30]**

2.3 **INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo ngomsitho wokubekwa kwenkokeli yabafundi esikolweni sakho. **[30]**

2.4 **UDLIWANO-NDLEBE**

Bhala udliwano-ndlebe oza kuluqhuba nomntu onguSomashishini. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

Soek jy 'n fantastiese tutor? www.teachme2.com/matriek

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Bhala isibhengezo-ntengiso senkonzo oshishina ngayo. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezintlanu malunga namalungiselelo eemviwo. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo oza kuyinika abantu ngeendlela zokuzikhusela kwiingqele zasebusika. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100